

OKTOBHA 2013

Hermanus	Telephone 028 313 8000	Fax 028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24 Hour Emergency	028 313 8000/8111
Fire Brigade	028 312 2400

# Bulletin

*Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni*

## UBUSUKU BABO BAPHUMELELEYO 2013 KUBONAKALISWA UTHANDO

NgokukaSodolophu uNicolette Botha-Guthrie, umsitho woMasipala wase-Overstrand woBusuku babaPhumeleleyo udlulela ngaphaya kokuqwalasela amagalelo amahle enziwa ngamavolontiya ekuhlaleni kwethu: Kananjalo obu busuku bumalunga nathi sisonke ngokuphenjelelwa ngabo bawongiweyo ngeenzame zabo nokulandela umzekelo abawumisileyo. Ngokufutshane, waqukumbela ngelo, obu busuku bumalunga nokubonisa ngqo uthando olunikwa uluntu lwethu nokusingqongileyo.

Evakalisa izimvo zakhe ngobukhulu bomntu ekuqwalasela imisebenzi yakhe eyimpumelelo kumsitho walo nyaka, owawusindlekwe ngoLwesibini, owama-27 Agasti kwiZiko leeNkonzo zoLuntu lase-Overstrand, eHermanus, uBotha-Guthrie uphawulwe ngelithi nangona abo baxhamlayo bebonakala bemele iindidi ezohlukeneyo zoluntu lwethu, bonke banento abafana ngayo: ukuzinikela ngokupheleleyo kubizo lwabo nokuzibophelela kwiinqobo ezixabisekileyo.

Xa efanisa ubume babo banelungelo lokufumana amawonga kulo nyaka, uSodolophu wathi wachukunyiswa ngokukodwa koku kulandelayo:

- Nangona sixabise kangaka iilwandle zethu, kubonakala ngathi sazi kancinane kakhulu ngalo mthombo ubaluleke kangaka nezidalwa eziphila khona: Imeko engentlanga yokuphila xa ubani ecinga ukuba esona sizathu esabangela ukuba abantu bahlale kule ndawo kwasekuqaleni yayikukuba babefuna ukuziphilisa ngendalo yaselwandle, yaye kwezi ntsoke mhlawumbi basebaninzi abagxalathelana apha kuba befuna ukuba kufuphi nolwandle.

- Uluntu olukhathalela abantu balo abadala, abantwana nabagu-



**Ngasemva ukusuka ngasekhohlo: Katja Petersen, Pamela Christine, Tommy Wilson, uGqr. Robin Lee, Gloria Langer, Werner Ladewig, Jan Fourie no-Wilfred Chivrell. Ngaphambili ukusuka ngasekhohlo: Tronel Meintjies, Elizbe Visagie, Carmen Titus, Mary Faure, uSodolophu Nicolette Botha-Guthrie, Meaghan McCord, Dr Millie Rink no-Florentia Radebe. Abangekhoyo: Belinda Groenewald**

layo lolona luphile ezingcanjini zalo: Ngokuchasene nenkolelo edumileyo yokuba abantu abazizityebi kufeneka bakhathalele amahlwempu, kudla ngokuba ngabo babelana ngeengxaki zabaswelelo abaphumelelayo ukubanceda ngeyona ndlela ifanelekileyo nezinzileyo.

- Kuyenzeka ukuba ubani aphembelele ikamva ngokunceda abantwana: Sibulela ilifa leenqununu uWerner Ladewig (Hermanus High) no-Tommy Wilson (Gansbaai Academia), imibutho yezemfundo efanelekileyo kwixesha elizayo iya kuphungula umthwalo kwabo banoxanduva lokuseka ulutsha, ngeli xesha kwicala labo, iMibutho engaxhaswa nguRhulumente efana ne-STAR incedisa ukuxhobisa abantu abatsha abafumana ubunzima ukufunda ukuze, nabo, basebenzise ngokukuko amaziko emfundo.

- Ukuzinikela nothando lungenza imimangaliso: Igalelo elibonakalayo lomsitho oyi-Overstrand's Woman of the Year, uMary Faure, ekuphakamiseni ummandla wase-Hermanus njengeyona ndawo yokufikela ikwinqanaba lehlabathi kudibene nomsebenzi wakhe njengomququzeleli we-Hermanus FynArts kufanele usebenze njengenkuthazo kubo bonke abanephupha lokwenza imimangaliso, nokuba lilitye elinye ngexesha.

Kulo nyaka, iNdebe kaSodolophu engweneleka kakhulu yoLondolozo lokuSingqongileyo ifunyenwe ngu-Meaghan McCord ovela kumbutho oyi-South African Shark Conservancy (SASC ngophando lwakhe olunzulu lweentlobo ezohlukeneyo zezilwanyana zaselwandle, iintyantyambo nezilwanyana ezifumaneka eWalker Bay. Le ndebe yanikezelwa phantsi kweengcebiso zombutho oyi-Whale Coast Conservation, owawufudula uyi-Overstrand Conservation Foundation.

## UMSITHO WEZEMIDLALO E-OVERSTRAND UKWAMKELA IIMBALEKI EZIKHUBAZEKILEYO



Wamiselwa ngo-2009 njengeTumente yeNdebe kaSodolophu, uMsitho wezeMidlalo e-Overstrand ujolise ukunika ulutsha olumele iinkalo ezohlukeneyo zemidlalo ithuba lokubonisa iitalente zabo. Kulo nyaka, amaqela akhuphisanayo aya kuthi, kwakhona, ajamelane ngoMgqibelo, umhla we-5 Okthoba 2013 kumabala emidlalo eHawston kumdlalo wamagqibela-kankqoyi ukubona ukuba leliphii iqela eliya kuhamba liphethe iNdebe kaSodolophu ka-2013.

Kulo nyaka, ke phofu, kuya kongezwa enye inkalo kuMsitho wezeMidlalo e-Overstrand: Okokuqala ezimbalini, iimbaleki ezikhubazekileyo ziya kunikwa ithuba lokukhuphisana.

Amacandelo ezemidlalo aya kuthatha inxaxheba kumsitho walo nyaka aquka umbhoxo, ibhola ekhatywayo, iqakamba, ibhola yomnyazi nemidlalo yeembaleki nenjuze. Qiniseka ukuba uza kuzibandakanya kolu lonwabo uxhase iqela lakho ngolu suku. Tsalela umnxeba ku-Ayanda Stali kwa-083 426 2826 ukufumana inkqubo eneenkcukacha ezizelelo, okanye uthumele i-meyile ku-astali@overstrand.gov.za ngeenkcukacha ezithe vetshe.

## YAZI IMITHETHO YOMASIPALA WAKHO

Ephehlelelwe kwiinyanga ezimbalwa ezidlulileyo, iprojekthi yekomiti yasekuhlaleni eZwelihle ejoliswe ukuxhasa imeko-bume engqongileyo ekhuselekileyo nesempilweni, yaye yamiselwa njengenye yeenjongo zayo zokuqala ukuqhelanisa amalungu ekomiti yasekuhlaleni ngenithetho kamasipala.

Ekubeni bephumelele kakuhle uqeqesho lwabo, amalungu ekomiti yokuhlala ali-105 kwixesha elizayo aza kukwazi ukujongana nemicimbi yaseLokishini efana nokumoshwa kwempahla, ukunxila nokuziphatha kakubi kunye nokulawula umculo ophezulu ngamaxesha angafanelekanga. Kwiimeko apho amalungu la engenakho ukusombulula ingxaki ngokwawo, aya kucela amapolisa nabonyanzeliso-mthetho ukuba babancedise kunokuba bathathele umthetho ezandleni zabo.

Ukuqeqeshelwa unyango lokuqala nokujonga iingxaki zemililo zezinye eziza kalandela kungekudala, yaye le projekthi iza kudluliselwa nakwezinye iindawo ezininzi kwingingqi yase-Zwelihle ngokunjalo nase-Kleinmond kungekudala.

Emnye kula malungu ekomiti yasekuhlaleni afumana isiqinisekiso kuMasipala wase-Overstrand kumsitho owawubanjelwe kwiholo ya-baphulaphuli kamasipala ngomhla wama-29 Agasti.

## IMBASA YE-IOC KWIZIKO LEZEMIDLALO LASE-GANSBAAI

Kwintlanganiselo yeBhunga yango-Agasti, uSodolophu u-Nicolette Botha-Guthrie wamkela isidanga sediploma ewongwa yiKomiti yaMazwe ngaMazwe yemidlalo ye-Olimpiki kwiZiko lezeMidlalo namaBala lase-Gansbaai kwiNgqungquthela yamaZwe ngamaZwe yeKomiti yalo ye-Olimpiki ye-15 ngomxholo othi iMidlalo kuthi Sonke eyayibanjelwe e-Lima, kwelase-Peru, ukususela ngomhla wama-24 – 27 Epreli 2013.

Lo msitho ndawonye nesibonelelo-soncedo zanikezelwa ngenjongo yokuqwalasele igalelo elibalaseleyo elenziwa leli ziko ekuxhaseni uphuhliso lweMidlalo ye-IOC kuwo Onke amaphulo.

Iziko lezeMidlalo lase-Gansbaai lokhiwa ngo-2007 ngentsebenziswano nabe-Barclays/Absa, uMasipala wase-Overstrand, iNgxowa-mali eyi-Premier League, Grootbos Foundation neSebe leMicimbi yezeNkcubeko neMidlalo. Obu buhlakani busoloko bubalulekile kimpumelelo yesi siza yaye busebenza njengomzekelo omhle wokusebenza kwiiprojekthi zophuhliso eziyelele kule kwiilababathi liphela.

Kunconywa ngokukodwa uMasipala wase-Overstrand ngombenizi ongenaziphako wolondolozo nolawulo olululo lweZiko phantsi kolawulo loMphathi weZiko uCarol Devitt noMphathi weNgingqi uKat Myburgh.

## ABASEBNZI ABAJONGA IZITHUTHI NGOKU BAQEQESHWE NGOKUKUKO KUKHATHALELO NOKUTSALA UMDLA WAMAXUMI



**Iqela labasebenzi abajonga izithuthi behleli no-Soli Madikane (uMlawuli: LED nezokhenketho), Suné Greeff (uMphathi: kwezoKhenketho), Adinda Jantjies (iGosa lezoKhenketho) no-Michelle Botha, uMqeqeshi/uMququzeleli: iZiko loQeqesho lase-Overstrand**

Ngomhla we-4 nowe-5 Septemba, abasebenzi abajonga izithuthi abangama-36 base-Hermanus bazimasa uqeqesho lweentsuku ezimbini befundiswa uku-khathalela abaxumi nokufundiswa ngeze-hambo, nokusebenza ngobubele liSebe loPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho loMasipala wase-Overstrand.

Iziko loQeqesho lase-Overstrand lanikezela ngezixhobo zokufunda noqeqesho. Kugxininiswa ngokukodwa kukhathalelo lwabaxumi nokwakha ubudlelwane nabo, iyonke injongo yoku yayikukhuthaza nokuxhobisa abo bazimasileyo ngezakhono zokunxibelelana ngokucacileyo nangokufutshane nabo babanika inkonzo.

Ngaphezulu babegxile kwiinzuzo eziza kufunyanwa ekunikezeleni ngenkonzo encomekayo kubaxumi, abaqeqeshi babo bazimisela ukucacisela abasebenzi abajonga

izithuthi indlela yokusebenzisana ngokwakhayo nabaxumi babo, ngokukodwa:

- Indlela yokudibana, ukubulisana nokujongana nabaxumi noluntu jikelele
  - Indlela yokujongana neemeko ezinoxinzelelo, umzekelo: umxumi onganiselikanga
  - Indlela yokujonga umxumi odinga uncendo
- Ngokungenakuphikiswa, ke phofu, abasebenzi abajonga izithuthi base-Overstrand basoloko befunka ukuba bafezekise indima 'yabakhokeli babakhenkethi abangekho mthethweni' ngokunjalo. Ngesi sizathu, nangenkxaso yecandelo elijongene naBakhenkethi base-Overstrand, olu qeqesho lweentsuku ezimbini lwabandakanya notyelelo olukhokelwayo lwase-Hermanus olujoliswe ekuphakamiseni ulwazi lwabasebenzi abajonga izithuthi kwiindawo ezichume ngengekubeko nembali efanelekileyo.

## Umgangatho wamanzi AMDAKA kwizikim zikamasipala Aprei | Juni 2013

Description of test	Unit	DWA General Authorisation Standard	Average test results for final effluent test samples at:				
			Gansbaai	Hawston	Hermanus	Kleinmond	Stanford
pH	(pH)	5.5-9.5	5,9	7,4	7,4	7	7,3
Settleable solids	(ml/l)	-	0,1	0,1	0,1	0,1	0,1
Electrical conductivity	(mS/m)	150	141	163	214	86	124
Faecal coliform bacteria	(count/100ml)	1000	0	810	698	1216	321
Chemical oxygen demand	(mg/l)	75 Max	32,6	49,7	61,5	42,7	33,1
Ammonia nitrogen	(mg/l as N)	6 Max	0,2	10,7	2,4	2,6	7,1
Nitrate nitrogen	(mg/l as N)	15 Max	11,3	2,4	2,5	18,1	5,3
Nitrite nitrogen	(mg/l as N)		0,1	0,1	0,1	0,1	0,1
Total suspended solids	(mg/l)	25 Max	5,7	6,7	5,3	4,3	5,3
Ortho-phosphate	(mg/l as P)	10 Max	3,8	5,1	4,7	5,7	4,8

## Umgangatho wamanzi okusela Aprei | Juni 2013

Description of test	Unit	Standard per SANS 0241 Class I 5.0-9.5	Standard per SANS 0241 Class II 4.0-10.0	Average test results for potable water test samples at:									
				BR	KM	HM	SF	GB	DK	PB	BB	BBJ	BBJ
pH	(pH)			8,3	8,4	8,0	7,6	8,2	6,9	8,0	6,3	7,4	7,4
Electrical conductivity	(mS/m)	<150	150-370	35,6	28,1	43,9	67,5	121,7	41,6	53,5	38,5	<150	<150
Turbidity	(NTU)	<1	1-5	0,04	0,4	0,5	0,2	0,3	0,2	0,2	1	0,5	0,5
Colour	(mg/l as Pt)	<20	20-50	7,7	7,7	8,3	5,0	12,3	4,0	9,0	136,7	3,3	3,3
Calcium	(mg/l as CaCO <sub>3</sub> )	<150	150-300	2,6	12,0	8,1	57,0	9,1	58,9	14,4	23,7	<150	<150
Fluoride	(mg/l as F)	<1,0	1,0-1,5	0,10	0,60	0,10	0,10	0,60	0,10	0,10	0,20	<1,0	<1,0
Total dissolved solids	(mg/l)	<1000	1000-2000	292	216	317	488	845	310	372	275	<1000	<1000
Iron	(µg/l as Fe)	<200	200-2000	12,7	16	91	15,3	24,7	10	18,3	70	10	10
Manganese	(µg/l as Mn)	<100	100-1000	40	40	40	40	40	40	40	40	40	40
Aluminium	(µg/l as Al)	<300	300-500	126	101	151	106	129	14	103	154	20	20
E.coli	(telling/100ml)	0	0	0	0	0	0	0	0	0	0	0	0

BR: Buffelsrivier | KM: Kleinmond | HM: Hermanus | SF: Stanford | GB: Gansbaai | DK: De Kelders | PB: Pearly Beach | BB: Baardskeerdersbos | BJB: Buffeljagsbaai

## IIKONSATHI ZE-OAK NGO-OKTHOBA

Ngokuhlwa kwangoMgqibelo, umhla we-12 Okthoba, iKWAYALA I-LIBERTAS eyaziwayo yase-Stellenbosch iya kube idyusha kwiCawa yase-Dutch Reformed ngentsimbi ye-19:00.



Libertas Choir



Emva kwemini ngeCawa, umhla wama-20 Okthoba, oselula u-Jan Hugo, owaphumelela kukhuphiswano lwesine lwe-UNISA National Piano ngo-2011, uya kwenza isicengezo ngepi-ano kwiHolo yabaPhulaphuli yasekuHlalani nge-15:30.

Amatikiti axabiso i-R100 (R50 kubafundi). Zibekelwe indawo e-BELLINI GALLERY kule nombolo: 028 312 4988. Emnye imibuzo eyongeziweyo mayijoliswe kunobhala, u-René du Plooy, kwa-082 940 4238.